



social development

 Department:
 Social Development
 REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ULUHLU LWEZINTO EZIFUNA UKUKHANGELWA NGABAZALI

ngokubhekiselele ekuvulweni kwakhona kweenkqubo zophuhliso lwabantwana kwangethuba ne/okanye iindawo zonakekelo lwexeshana ezibonelela ngeenkonzos zasemva kokuphuma kwesikolo kumanyathelo okunceda, athintele aze alwe nosasazeko lweCOVID- 19 ngaphambi kokuvula kwakhona nokuphinda kubhaliswe abantwana.

UMphathiswa woPhuhliso Lwezintlalo ujonge umhla wokuvula kwakhona amaziko ophuhliso lwabantwana kwangethuba (ECD) (iindawo zonakekelo lwexeshana ezibonelela ngenkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba ngokwecandelo 93(5)(a) loMthetho), amaqela okudlala, abagcini babantwana (oomama basemini), amathala eethoyi, iinkqubo zophuhliso lwabantwana kwangethuba ezinokushukunyiswa kwaneendawo zonakekelo zexeshana ezibonelela ngenkonzo yasemva kokuphuma kwesikolo ezibonelela ngokufunda kwangethuba, unakekelo neenkqubo zophuhliso ngokoMthetho wama- 38 waBantwana wama- 2005. UMphathiswa uza kubhengeza umhla wokuvula kwakhona kwiGazette kaRhulumente nakwizinto zokusasaza iindaba.

UMphathiswa woPhuhliso Lwezintlalo kunye neSebe loPhuhliso Lwezintlalo mabaqaphele inani lezinto, kwakunye nobungqina ngosulelo lweCOVID- 19 neentsingiselo ngaphambi kokwenza isigqibo aze abhengeze uvulo kwakhona lwezi nkqubo zikhankanyiweyo ngasentla. **UMphathiswa uyazi ukuba xa esenza isibhengezo malunga nokuvulwa kwakhona kwenkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba ne/okanye indawo yonakekelo lwexeshana kuyahlangana nokucebisa abazali ukuba kukhuselekile ngokufanelekileyo ukubuyisela abantwana babo kwezi nkqubo, ukuba bakhetha oko.**

Kubalulekile kubazali ukuyiqonda into yokuba ukwenza isigqibo ngokuphindisela abantwana babo kwinkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba ne/ okanye indawo yonakekelo lwexeshana kungokuzithandela yaye sisigqibo kuphela somzali okanye umgcin osemthethweni. Ngoko ke, abazali banelungelo koku kulandelayo ngaphambi kokwenza isigqibo sokubuyisela abantwana babo kwinkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba ne/ okanye indawo yonakekelo lwexeshana:

1. Lokwaziswa ngamanyathelo okunceda, ukukhusela nokuthintela usasazeko lweCOVID- 19 inkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba ne/ okanye indawo yonakekelo lwexeshana eziwathathileyo ukulungiselela ukuvulwa kwakhona ngaphambi komhla wokuvula kwakhona.
2. Lokwaziswa ngenkqubo namanyathelo inkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba ne/ okanye indawo yonakekelo lwexeshana eziza kuzilandela ukunceda, ukukhusela nokuthintela usasazeko lweCOVID- 19.
3. Lokwaziswa ukuba akukho mntwana, kuquka umntwana ophila nokhubazeko, ongene kwinkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba ne/ okanye indawo yonakekelo lwexeshana ngenyanga ekubhengezwe ngayo ubume bentlekele kazwelonke onokungavunyelwa abhaliswe kwakhona kwinkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba ne/ okanye indawo yonakekelo lwexeshana ahlala kuzo umntwana, ngaphandle kokuchaphazelwe kumhlathi wesi – 4.
4. Lokwaziswa ukuba umntwana obesoloko enengxaki yempilo eyaziwayo enokumbeka kudidi lomngcipheko olungasentla koluqhelekileyo njengoko luchaziwe kwiSebe lezeMpilo usenokungabuyeli kwinkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba, ngaphandle kokuba ugqirha unike ugunyaziso olubhaliweyo lokuba kukhuselekile ukuba umntwana ololu hlobo abuyele aze athathe inxaxheba kwinkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba ne/ okanye indawo yonakekelo lwexeshana.
5. Ukubuza ze unikwe ulwazi ngokubhekiselele kwiinkqubo namanyathelo okunceda, athintele aze alwe nosasazeko lweCOVID- 19 kwinkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba ne/ okanye indawo yonakekelo lwexeshana ngaphambi kokwenza isigqibo sokubuyisela okanye ukungambuyiseli umntwana (sebenzisa uluhlu lwezinto ezifuna ukukhangelwa ukuzinceda koku).

| Uluhlu lwezinto ezifuna ukukhangelwa ngabazali | | ✓ | ✗ |
|---|--|--------------------------|--------------------------|
| 1 | Ulwazi kwindawo yoncedo ngokubhekiselele kuvulo kwakhona nalo lonke ulwazi oluphathelele koku endiludingayo | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 2 | Ndazisiwe ukuba ukuphindela komntwana/kwabantwana bam kwinkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba ne/ okanye indawo yonakekelo lwexeshana kungokuzithandela yaye sisigqibo sam ndodwa. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 3 | Ndilunikiwe ulwazi lokulungiselela umntwana wam yonke imihla ngaphambi kokuba aye kwinkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba ne/ okanye indawo yonakekelo lwexeshana. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 4 | Ulwazi malunga novavanyo lwemiqondiso yonke imihla ekungeneni okanye ukungena kwakhona kwisakhiwo nomhlaba waso. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 5 | Isakhiwo nomhlaba waso kunye nezixhobo zicociwe ngaphambi kokuvulwa kwakhona. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 6 | Indlela isakhiwo nomhlaba waso kunye nezixhobo ezicocwa ngayo yonke imihla ukukhusela nokuthintela usasazeko lweCOVID- 19. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 7 | Bonke abasebenzi balufumene uqeqesho/ uqhelaniso namanyathelo okunceda, athintele aze alwe nosasazeko lweCOVID- 19. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 8 | Ndiceliwe ukuba ndinikezele ngeenkukacha zam zoqhagamshelwano nezinye xa zingafumaneki ezam xa umntwana wam enokugula ze ndifumaneke. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 9 | Kukho iinkqubo namanyathelo akhoyo ukulawula uhlaselelo. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 10 | Ulwazi ngeenkqubo ezingasebenza xa umntwana wam okanye nawuphi na umntwana egula okanye ebonisa iimpawu ezihlangana neCOVID-19. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 11 | Ulwazi lokuba inkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba ne/ okanye indawo yoncedo lwexeshana ibhaliwe na ezincwadini ngokweemfuno zoMthetho waBantwana wama- 38 kuma- 2005, yaye ukuba ayikabhalwa ezincwadini, amanyathelo angathatyathwa ukuze ibhalwe ezincwadini. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 12 | Ulwazi ngamanyathelo neenkqubo zokubekwa bodwa baze banakekelwe abantwana abanokugula apha emini. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 13 | Ulwazi ngeenkqubo ezinokusetyenziswa xa ilungu labasebenzi ligula okanye libonisa iimpawu ezihlangana neCOVID-19. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 14 | Ulwazi lokuba umntwana obesoloko enengxaki yempilo eyaziwayo enokubeka loo mntwana kudidi lomngcipheko olungasentla koluqhelekileyo angabi nakubuyela, ngaphandle kokuba ugqirha unike ugunyaziso olubhaliweyo lokuba kukhuselekile ukuba umntwana ololu hlobo abuye aze athathe inxaxheba kwinkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba ne/ okanye indawo yonakekelo lwexeshana. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 15 | Ulwazi ngemfuneko nokungafuneki kokunxitywa kwezigqubuthelo zobuso ngelixa akwinkqubo yophuhliso lwabantwana kwangethuba ne/ okanye indawo yoncedo lwexeshana. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 16 | Indlela yokuziqhelanisa okanye ukulungelelanisa umgama phakathi kwabantu. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 17 | Ndazisiwe ukuba umntwana makaphelekwe ngumzali okanye umgcini osemthethweni, okanye ukuba akunakwenzeka ngenxa yezizathu eziphathekayo, umntu otyunjwe ngumzali okanye umgcini osemthethweni, ukuba abekhona yonke imihla xa umntwana efika ukuze enze uvavanyo lweempawu. | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |

This is the *isiXhosa* version of the **Parents' Checklist** published under the signature of the Acting Director General on 23 June 2020. The original English version remains the official version.